

IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, DECEMBER 7, 1887.

[No. 161.]

DYER AND DYER

ABA MBESI

BENTLOBO ZONKE ZE NGUBO

Bafikelwa zimpahla ezintsha ngo stemele bonke abafikayo. Ezi mpahla niya kuzi fumana Zizezona

Zitshipu Etengisweni.

Xa uhambele e Qonce yiti gxada kuleyo ndlu inkulu ye Ngubo yo

MANENEKAZI!

KANIZE kuzibonela impahla yetu entsha evela Pesheya kolwandle, E-Ngilane.

Ezilungileyo 2 1/2d kuse kwi 6d.

I PRINTI.

Ezimatakutaku nezibuketshemiya 6d to 9d.

I MUSLIN.

Ezimhlobo, ne KOTONI e yi Brocade 4 1/2d. to 6d.

I KELEKO, 2 1/2d to 6d.

IZITEYISI,

Esilunge kunene, 2/6.

IMITUNZI YELANGA, Ngamanani apantsi.

O Mashini bokutunga abona bamanani apantsi apa e Koloni.

W. O. CARTER & CO.

MACLEAN SQUARE,

E-QONCE.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

DYER &, DYER,

Pambi kokuba utenge kwezinye izindlu.

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele beza Mankazana,

Ndalamba, Ndapel' Isoya

B ANTSUN DU ! BANTSUN DU !

"Especially" abanga pandle Yizani kudlisa nityebise amehlo enu kule nkumba yakwa

Impahla zitu ezintsha zifikile I Tyali zika Ma—nezika Totosi, nezika Dade, ziyalala, azivuki.

Ityali zaba Ntwenyana (Uyaqonda kodwa ?) Ityali ezi lufipa—zilala "too."

Ezokutshata ingubo, nokuba ufuna iyadi, nokuba ufuna zisikelwe kuwe.

I Printi—Ikeleko—Ilinzi — Amalapu ehempe—Izitofu (ziyi micako)—Iqiya ze keshemiya—Yonke, impahla itshipu ngoku ngum' mangaliso.

Ezamanene ingubo esezi tungiwe. Ibatyi ne Bhulukwe ze kodi "ebanzi."

Amanene ayazisikelwa azitungelwe ezawo ingubo ngumtungi.

Siyazi dudela zonke ivenkile zalapa ngempahla zitu.

Inkumba yakwa PASCOE,

Ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi.

Paulani, niqonde kakuhle, ningayiposi—

AMADODA ati ngu SIGINGQI.

ABAFAZI bati ngu SILINDI.

UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

Ezamadoda Thempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/- Eze Twidi
ibhulukwe, 4/- Ibatyi ze Twidi
(iqukunjelwe yonke) 6/6 Eze Twidi i Suti,
16/9

Ikeleko, 2 1/2d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3 1/2d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli Icam.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL-ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE

PAINTS, OILS. AND VARNISHES.

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c —
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

UTIKOLOSHE! UTIKOLOSHE!

Utikoloshe obefuda ekwa Ngomti uyabulisa

KUBO BONKE ABANTU,

Ebazisa ukuba sele fudukile kwa Ngomti,

SELEVULE EYAKE IVENKILE

KWASE MARKENI APA.

Ingubo, Ibhulukwe, Ityali, Zonke intwana ntwana ziko.

Ababenamatyala kwa KEEVY mabeze kurafa kuye.

Yizani kuzibonela ngokwenu!

Izikumba, uboya nantonina yizani nayo kwa Tikoloshe.

A. J. CROSS & CO.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

COOK Elika Iyeza Lokukhlehla (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d. ibotile

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika

COOK Ipils- 1/ ngebokisana. Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Oka Umceza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK Oka Umgutwana Wamehlo. 63 ngesiqunyana. Oka Umceza we Cesina. 1/6.

COOK

Niqondise ukuba igama ngu

G- E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisfekele esi saziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti ima- li kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa.

THOS. MORIARTY.
5 August, 1886.

Kumadoda Namadodana.

AMANENE antsundu akolwa Zingubo eziti Zimhlale umntu, acelwa ukuba ayekubona ipatroni zemichako emihle ekoyo apa e Qonce baze bake bakangele ukuba utinina yena ukuzenza u

B. ABRAHAMS

(Ngakwa Pinki),

Eyona michako inqabileyo. inoyukenza IBHULUKWE, nge 25s.

Ne £4 4s. ISUTI ipela.

Ingubo ziyenziwa kwisituba semini enye.

Iveki.

LE yinyanga yokapela emnyakeni. Aba- funa amagama abo engenisiwe emqulwini wabamkeli be Mvo, baze bafumane ue Al- manak yomyakha omtsha, mabawatumele kwangoku amagama abo kwakunye nemali.

IMALI ye " Mvo " mayitunyelwe ngoku nge Posi yonke, kwindawo ezingenazo, ngo- zitampu zesheleni neze sikisipeni ukuba ku- nokwenzeka. Mabayikumbule lonto abalesi betu.

SEKUYIMINTAKA esesitobeni namhla wati u Rev. P. Davidson, wase Kobonqaba eye Kwamankazau walahlekelwa ngumntwana wake, kwafunwa, yayinyashawe, kwanc- nywa. Ngaleveki igqitileyo kuko umfo ote lo- mntwana wabulawa ngomnye umfo wa- nchwatywa nguye nomfazi. Iyapandwa siteta nje lonto.

KEKWAKO unyikimo lomhlaba e Jagersfontein nase Faure Smith olwandulelwe zi- tonga ezibini, luvuse abantu, Iwaxengaxe- ngisa izindlu.

UMKOMBE osuke kweli usiya e India umke namahashe ali 150, atengwe e Calcutat.

OLWEST-NE Iweveki ulawulalelwe ukuba yi Bolide e Rini. Lusuka lokuvulwa Kwomboniso omkula kona.

U REV. STEPHEN ADONIS ungeniswe e Mtata kunye no Rev. E. Y. Dixon, kwi Priest Orders ze Church of England. Ungo- wesibini (owokuqala ngu Rev. P. Masiza wase Sidutyini) kwabantsundu ofikelele kwelonqam kumandla opetwe ngu Bishop Kuy.

KUKO i Bhulu e Tarkastad elilindiselwe i Jaji ngokuba igusha.

E DAYIMANI amapolisa abuye atiwa qole, angxanga onke, kwabonakala ukuba lidliso kanjaqo.

E VICTORIA West ekutwaseni nuka December lo kuko umfazi owaqengqa indoda nge botile. Baxabana bexilile, waselekupa lo- mfazi, waposa enzaleni lahlanz' iselwa. Barrasa ! Barrasa ! Barrasa !

KUSUSELA kumhla wokuqala ku January ozayo iya kuhamba kabini ngeveki iposi esuka e Mtata, isinga e Kokstad.

NGEZIMVULA zale nyanga ifileyo ngecawa epambi kwale idileyo, i *poni* yase Tina, isibhaxa seTsitsa, imke nomlambo xa iweza inqwelo emntwalo. Yantelikele seyihle imayeli ezimbini. Kutiwa yapuke kakulu. Ummini nqwelo uya kuba nendleko kanye, kuba longwelo yayilayishe impahla ye venkile—ozikofu, swekile, tyuwa, mgubo, njalo-njalo.

KWA Mlola, izibuko lo Mhashe, enye inqwelo itwele amalahlle namaplanga yemka nomlambo, kwafaka inkabi ezilishumi elina- ntatu ngamanzi, wonakala umtwalo. Ko- kwesibini kumka inqwelo kweli zibuko.

NGOLWESI-NE kuleveki igqitileyo, kwe- nzakele u Mr. Hayward, junior, wase Bathurst, unyatelwe inqwelo wapuka imilenze yombini. Wayesihla nqwelweni eza kukupa inkabi endlebeni, akwelele enye inqwelo, suka welityibilili etyeni wawa, yakwela ke inqwelo yona.

UKUDLALWA kwebhola le ikatywayo ku- ngenzi kakulu pesheya. Ngo 1st October, kwenzakele abantu abantu, Ababini ba- katywa eziswini, bafa ; wati omnye wagilwa wafumana wasitenge, okwatsho wafa kwa- kamsinyane emva kokw.

KULO lonke eli lingapantsi inqholowa zintle ngokutembisayo. Ziyasikwa e Ngushwa.

U FAKU (Col. Griffith) ntebe kumagwa- ngqa, nakwabantsundu base Cala ngolwesi- Bini Iweveki egqitileyo, watsho saxengaxe- nga isininzi kwabamhlape ebeseintembise u Mr. Cloete abamnyama batembise yena bonke. Ingxelo zezintlangano azina ndawo yazo kwelanamhla.

NGOLWESI-NE (8 Dec.) amawetu ase Cala agqibe kwelokuba nentlangano yokubhala bonke abanemfanelo. Bazimisela ekubhe- neni ukuba lomagama aliwe. Sikolwa nga- bathsho.

UDABA oluvela e Dayimani Iclubi kunene Izityakala zakowetu azivumi ukungangeni amagama emfanelweni zombuso pofu imivu- zo iqala kwi £50 iye kwi £100, nezindlu ngokunjalo. Bati akuncedi Into ukuvotela abelungu, bekungebinanini ingabamnyama Lento yenziwa ngalamadodana kukubulala wonke omnyama. Indawo esijonge kuyo kwakunza inani elikulu e Palamente lama- doda alungileyo. Besitamba ukuba ikhaha elise Dayimani lingafaka igxalaha nalo. Zipina into zo Moss nezo Pelem nezo Kosa- ni zingabizi intlangano kuboniswa? Yi- nto waka wafa umzi ekona amadoda ?

INGXELO ye " Benefit " yase Cumakala Biyifumene, sitonyalaliswa kunene ngumse- benzi wayo mayelana nokupapamela uku- bhalwa kwamawetu. Kulowo mkondo, nto za- kowetu ! Kwakunye nento eninzi yezinye ingxelo nencwadi, yinqaba .asinakuyifama- nela ndawo kwelanamhla longxelo yenu.

I RINI selitumele £1. 10 kwinxhoya yama hlelo, yokumelwa kwamalungelo etu. I Barkly West £1. 16. 6 ; I Heald town £6. 5 ; I Herschel kwakona £12. 48.

INANI lombona linyukile e Natal e Newcastle uhamba kwi 22/6 ngesaka.

U BEV. J. LUNDIE wakwa Gatyana, kwa Gcaleka ufike kweli ngomkombe oyi " Drum, mond Castle " uvela e Scotland.

ITYALIKE yama Lawu e Somerset epetwe ngu Rev. W. Oates, ihlaziyiwe yandiswa. Iwulwe ngo Dec. ngentshumayelo ngu Rev. J. H. Hofmeyr wama Bhulu no Mr. Oates.

Imvo Zabantsundu.

NGOLWESITATU DEC. 7. 1887.

Ama- INTETO ye Pakati le Nko- mpampampa. sazana, u Sir HENRY HOLLAND, iyakuvakala ka- kubi kumzi wakowetu. Mayelana nayo sesibeke intonga kubahlobo betu abakwi- nkundla ye Palamente epesheya ukuba baze bake bawabuzise lamambamfamba- mfa enziwa ngo Sir HENRY HOLLAND, okudlala ngomzi ontsundu. Ixesha eli lonke ibise intutuzelo yabantsundu iyinkolo yokuba, zingati izikaloz ezininzi abanazo pantsi kwalombuso wase Kapa zifikelele kwindlebe ye Nkosazana, zipulapulwe ngenyameko nangomoya omhle, ze kwe- nziwe imfanelo yodwa. Lwati ke Iwakubetwa ucingo Iwesibheni salindela sonke ukuba ukuba, azi iyakuba yintonina impendulo. Ite yakufika isiti yiqubeni inteto yenu, savuya sagqakadula. Kuti- we kumpakati ase Kapa makayitumele nawo eyawo. Kwavakala ukuba Sir H. HOLLAND, upendule umbuzo ka Sir G. CAMPBELL, kwinkundla ya Pesheya, wati amapakati Omntan' Omhle selelindlele inteto yenkundla yase Kapa neyabantsu- ndu. Zifikile, ayakuzitelekisa zombini, aze asiwase isigwebu. Lento sayitakazela kunene, yabonisa ukuba okwenyaniso iyakwenziwa namhla imfanelo; nokuba imfanelo kukugqwetywa, nokuba kuku- gwetyelwa kwetu. Ite yakufika incwadi ye Pakati nale nteto kuti bamnyama, yabizelwa e Qonce intlangano ya Mahle- lo, yaqgiba apo yaqgiba kona. Suka ngapambi kokuba siyenze eyetu inteto kwafika ucingo oluti inikwe aba Chazi- Mtego ingxelo yenkundla yase Kapa. Lengxelo, siyibonile namhla, siyumana ukuba ayizimisanga ngamxholo inyaniso; yaye iyingxelo yomfo ongazanga waba naturu ngakuti, umfo ongadendiyo ukusidubula nangayipina inteto, u Sir THOMAS UPINGTON. Beyivile, ke aba Chazi-Mtego uxelo ecalanye yelonene, bate Umismo we Nkosazana awugququlwe ngumteto omtsha, yaye lonteto ngenye indlela isiti, amanene onke anengqondo e Palamente yase Kapa, nabaqondisi- mteto abanzulu—abanjengo Mr. LEONARD, Q.C., Mr. ROSE-INNES, Mr. R. SOLOMON — bonke bebesukela izanga. Ilande ke incwadi ye Pakati le Nkosazana eyakufunyanwa kwelanamhla. Jibillili, bendifumane ndanibiza, nokuba beniyakundoyisa be- ndingasakuba nakuninceda. Kanti ububizelwa nina ke umzi ? Liti Ipakati indawo emazililele kuyo ikwa yi Pala- mente yase Kapa. Selite ipepa lase Rini i *Journal*, lenteto yefanelo umntu oswelele ukuqonda. Injengokuba ingati imazi yegusha etakane lixivile yi nongnyama iye emnxhunyeni wesilo eso ukuyakuti wena. kumkani wezilo, ulidlele nina ixwane lana. Isenzo sika Sir HENRY HOLLAND silenzakalise kunene iwonga le Nkosazana emehlweni abamnyama, siyakubanga ukuba baqonde ukuba nase nkundleni ye Nkosazana lento inyaniso ayisiwa so. Kanti ke akunjalo inawetu, napesheya ulaulo ngu Nqapela-Ndikule — yingququgu apamakati. Amanye ayinonelele inyaniso, amanye akayazele nto. Silila kuba tina igama le Nkosazana lincholiswiwe, emehlweni omzi wonke ontsundu ngokusuke, Ipakati, elingaya- zezelele nto inyaniso, litete nto ninzi li- lodwa.

Makutiwenina ke ngoku? Zipongomele apintliziyo zomzi wakowetu. Siqokela tina kwakwelokuba angeniswe ama- gama, alibway yaziwe mhlope into atyhalwa ngayo. Ubizwe nedlelo tina asizazi ezouto. Makuyiwe pambi kwe Jaji ukuze sive into bantu abakutshwa ngazo, iqondakale cyona nto—nokuba uqetulwe, awuqetulwe sinina Umismo we Nkosazana owasinika amalungelo nati bamnyama. Ngati kokwetu ukubona kuyakufuneka ubuye wafakana imilomo umzi ngendawo yento emayenziwe, emva kokuqondakala kokungeniswa nokungangeniswa kwamagama. Nyanzelelani pakati ke mawetu, kuba xa ninganyanzelanga ayisokubako inteto.

EZE ZITILI NGEZITILI.

E BHAYI—Sibe notyelelelo olumnandi kunene ngo November lwe " President of the Conference " u Rev. R. Lamplough (u Vulindlela) ehamba ne " Secretary of the Conference " u Rev. J. Smith Spencer. I President ibe nati emtendelekweni nge Cawa ye 6 inst.; kwamnandi kakulu uku- bona isitatu sabafundisi sincipesidana ngomsebenzi omkulu kangaka. Ngaba aba- niki mtendeleko:—I President, Revs. R. W. Bryant, no Samuel Ntsiko. Abantu babekumakulu amabini. I President inike isibayilo esimnandi, yahlukana intla- nganiso. Kute ke ngolwesi-Bini ukumka kwelanga kwavakala ukuba intlangano ye Ronaskapu kwabantsundu ingomso, ke kuyo, kufuneka imali, yambana kalo- ku londawana kuba bekungabangako nto isingiswa kwabantsundu. Kwabona- kala ukuba makuputuzelwe ibeko yona intlangano. Yabako ke ngeliphi. Kute bekulindlelwe u Robt. King, Esq., ukuba atete isihlalo akabiko, sasestatyatwa ngu Rev. Thos. A. Chalker, i Superintendent yesiqingata, ote gqabagqaba ngamazwana, wayekela u Vulindlela, yaduma kunene intlangano. Ubalise ngokufika kwake kwelilizwe, ukwelwa e Bitsini etwelwe ngumntu ontsundu ukupuma kwake ebobini. Ute ke akakolwa ukuba lomntu useko ngezimimi. Ute oko wayesengu- mfana wayencipeli, kubonakala ukuba ke indoda leyo, ukuba kwakungoku selanga- ka, yayiya kuntsintsitaka kanye, Ubale nendawo ke ake wakutshelwa kuzo uku- ba ngumfundisi. Ute akukova ukuzixela waza kuzinzisa kumsebenzi wase Xesi ku Magqunukwebe, nokuya kutata kwa-

ke u Rev. Wm. Taylor e Qonce. Nomse- benzi omhle owahambisekayo. Ute beze ngenxa ye Ronaskapu yapesheya eti " ziboneleni, " yona ngoku iza kukungela indawo ezintsha. Kengoko bafuna uku- ba baqale iziko elitsha le Ronaskapu ku- ba imali yapesheya iza kuya incipa ngo- kuncipa. Ute i Cradock nyakenye irole £7 0 0 nonyaka itembise nge £30 0 0. Nina Bhayi kufuneka nirole £50 0 0, kuba nyakenye nirole £11 0 0. Ute ndifuna ukuze nditi xa ndenza indaba nditi, i Bhayi ndifike lisekwalilo. Kusuke umfo ka Spencer wenza mabini esiti: Ndifuna nixela into enifuna ukuba ze siyixelele Amangesi izihlobo zenu, noku- ba size sithi Abantsundu abafuni kuzinyu- sa nakuzinceda, nokuba ze sixele ukuba nyafuna ukuzinyusa nokuzinceda. Ute mabapakamise izandla abateta elokugqi- bela, bapakamise, ute abachasayo, akwa- biko mntu. Ute abayiqondileyo inteto ye President, nabati siyakuyenza lonto bopakamise izandla— bapakamise, abate abayiqondanga — wamnye uinzalwana wase Datshi. Ute akugqiba kwatiwa ngoku emalini. Kwawentloko kusuke u Mrs. Williams nge £1, laka lati i Bhayi lavusa into endala, babupitipiti amadoda ukupuma ebuya kanti aya kutata imali; kwakukangelwa into ezuziweyo ngobo busuku yayi £8 i cash yonke ndawonye nezitimbiso yayi £42 12 6. Ke amapepa aza kupuma ne nshumayelo ze Rona- skapu, azikenziwa. Siyakolwa ukuba siyakugqiba kanye kwi £50. Ubulenze kunene u Vulindlela ; yavalwa intlanga- niso.

HEALD TOWN.—Umhla wa 20 nowa 21 kulenyanga yayiyimihla yokukumbuzwa abantu bo Mjikelezo wase Nkukwebe ngokuhanjiswa kwe Lizwi lika Tixo. Nge Sabata kwakulindlelwe ukuba emini koshumayela Umongameli we Banda lama Westle nongakanje, u Rev. R. Lamplough wase Mkingiso. Wati noko wayese Bhofofo akabinako ukubako, nge- nxa yemvula nobumanzi. Kwashuma- yela u Rev. G. Weaver wakwase Mkingiso so emini nangokuhlwa. Emini washu- mayela kwincwadi ka Paulos kwabase Efese iii. 14-19; ngokuhlwa ku Luka, xxii. 31—32. Zaba zintshumayelo ezizele yi- mfundiso nakukondla umpfumlo weko- Iwa. Ukumka komhla u Rev. G. Kakaza wenza isiyalo esikolweni se Sabata ngo- ku beka abazali ukokulamela bonke aba- ntu abakulu, waza wabamba umtandazo emva koko. Zonke inkonzo zalemizi zazimnandi zine mpangalelo elungileyo. —Nge-Mvulo yaqala intlangano ngemi- niti ezimashumi matatu emva kweshumi elinanye. Sincoma ukufika kwabantu ngexesha, nokuzipata kakuhle kosapo nolutha. Umzi wase Nkukwebe wavusa into yawo endala, nditsho ngokuba lo- ndlukazi yawo ye tyalike yaziyele ngamadoda nabafazi nabautwana. Noko kwakumnandi kakulu nje, kwakulo na- banttu baba Balura. Ababanga nakuzi- nceda abantu abadala ababeko ukuba bangakumbuli imini zamandulo. Sata- tyatwa ngu Rev. W. Holford isihlalo ngenxa yokuba engafikanga u Wesley Wilson, Esq., wase Bhofofo, owayecelelele ukuze zize kuvipata intlangano. Zada- niswa kwakona izihlobo ezidala zika Mr. Lamplough ngokungafiki kwake nango- Mvulo. Waqutywa noko wona umsebe- nzi. Wahambiseka kakuhle. U Mr. Holford wazile ingxelo yemali yanyake nye. Waza u Mr. Kakaza walesa cyalo- nyaka kunye nezitimbiso. Abateti yaba ngaba bafo bobabini sendibankanyile, no Mr. Weaver, no Mr. G. Nqana, olapa ngokulungiselela umsebenzi wobufundi- si. Zaba zinteto ezimnandi, ezifundisayo ezabeta yayola kunene intlangano. Ya- puma ngemimoti ezilishumi elinamntu ukuya esitatwini, kumnandi kumntu wonke owayeko. Abantu barola imali, inxhoya zokudla, nempahla emfutshane chambayo. Ngati iyakuba ngapezulu kweyinyakenye imali, zakutengiswa izi- nto ezirholiweyo. Inkongozelo ye Sabata neyo- Mvulo yaba ziponti ezintatu ezine- sheleni ezitile ngapandle. —Asinakuyipe- ta lengxelo singatetanga nto ngomculo wase Nkukwebe. Lwavusa into endala yalo usapo lwase Nkukwebe ukucala kwalo. Kwaculwa Isixhosa ne Singesi. Kwase Sixhosa kwaculwa namaculo amabini kwaka David, ela 72 nee 136. Sakuba sibone konke akubonileyo amehlo etu sive konke ezikuvileyo indlebe zetu, asibanga nankunceda ukunganweneli ukuti: Yanga lentlangano smnandi ka- ngaka ongaba lunyawe lokuqala kwiba- nga elitsha ongaba uzisisele ukutabata lona Umjikelezo wase Nkukwebe!

UMQOMBOTI E BHAYI.

Nge-Cawa (20 November) Umfundisi wase Rabe, Edward's Memorial Church, utete kabuhlungu ngesenzo sabafana base sikolweni ababetwa kwa Mpundu nge-Cawa engapambili (13 Nov.) beye kusela umqomboti. Ute yindawo yetu tina Makrestu ukuba sizame ukuyipelisa lento ngokumisa i Komiti zokwalusa kungabiko mntu usilayo. Ngokuhlwa kwalo Cawa u Mr. Wauchope, emva kwe nshumayelo ekumazwi ati: " Yazine uku- ba isono senzi sonifumana, " utete kakulu ngesi sono sokunxila, wakankanya indawo yokuba kuko iqumru elifihlise- leyo ngalendawo yomqomboti, ekufuna ka ukuba ama Krestu noma Tempile alwe alicite elihlazo. Kusile ngo-Mvulo u Mr. Wauchope uye ematyaleni apo asenzenza kona. Uye kona ukuba uyasongelwa ngumpti welokeshoni, ngenteto yake ayenze e tyaliki, kubonakala kodwa ukuba inkosi leyo iswele indawo yokubambe- la kulouteto. Ekuvile oku u Mr. Wau- chope, ucinge ukuba amnike indawo yokubamba ngokuyifaka emapepeni inteto yake ngomqomboti. Elona zwi linamandla leli lequmru lomqomboti ati ukulicaza epepeni u Mr. Wauchope uti " abantu barola imali yegunya lokusi- la baze basile ngokutandwa kwa Mpundu. " Lipumile ipepa (P. E. Telegraph 22 Inst.) yabonwa lento ngu Mr. Reason i Mayor, utumele ukuba kubizwe u Mr. MacPherson- son no Mr. Wauchope. Bayakuhlanga- niswa yi Mayor e ofisini yayo.

I Mayor—Kuko inteto epepeni ekubona kakulu ukuba yayamene nenteto yako oyenze e tyaliki, uyayazina lonteto apo ipuma kona? U Mr. Wauchope—Ewe nkosi, ndim lona. I Mayor.—Lonteto iti abantu bayabha- tala baze banikwe ilungelo lokusila; ayina kuba yinyaniso lonto, ukuba ibuxokuzi uyakubasetyaleni. U Mr. Wauchope,—Andazi ukuba yindawo yam ukuba ndiwatete apa ama- zwi am, kodwa ukuba ulanda inyaniso yiyo kanye into efunwa ndim.

I Mayor, — Ndifuna inyaniso kuwe, ukuba akutandi kuteta apa ndiyakuya kwenye inkundla, kuba ndifuna ukuzi- hlamba nam kulenteto yako. —Yinyaniso na?

U Mr. Wauchope,—Ndicela u Mr. MacPherson ukuba andipikise, nditi nango- ku kuyasilwa kwa Mpundu abantu ba- bhatyala imali etile ngompanda.—Uyayazi, kanyela na lonto Umongameli we location ?

I Mayor,—Vela kambe MacPherson. Utinina ngalento?

U Mr. MacPherson,—Ewe nkosi, iko into leyo, kuhlalenge izibonda ngapandle kokwaziswa kwam, zamisa amadoda oku- kangela abantu ukuba bangalwi emqom- botini, zaza ke zamisa 3s, ngompanda imali yokuvuza abobantu. Lomali ayeningi kweyam inxhoya.

I Mayor,—Umqomboti ugweyiwe uku- ba ungenziwa, uteni ukuze uyivumele into enjalo kanti nje uyayazi, okanye ubuteni ukuze ungandazisi lonco? Ndi- yatamba ukuba lonto iyakupela *at once*.

U Mr. MacPherson,—Lonto nkosi ipe- liswe kwa nge-Cawa, leya kwaliwa ngayo.

U Mr. Wauchope,—Nangale iduleyo ubuko umqomboti kwa Mpundu.

I Mayor,—Ku Mr. Wauchope.—Into etetwe nguwe epepeni yinyaniso, ngoku, ndiyivile nje, iyakupela.

Yapela apo intlangano. Ngolwesi-Tatu kwi nkundla ye Town Council, u Mr. Wynne, ubuze umbuzo ngendawo yenteto ayibone epepeni yo- kuba abantu babhatyala imali ukuze ba- sile ngapandle kokuziswa.

I Mayor,—Ite nayo iyibone epepeni yaza yayilanda, yafumana ukuba lonto yinyaniso. Kodwa u Mr. MacPherson akangatya kuba akazani nayo (?) Ipeleli- siwe ke lonto ngoku.

U Mr. McWilliams,—Kutiwa umntu urola 5s, ngokusila.

I Mayor, — Ewe lonto yenzeke kwa Mpundu— Ndiyipelisile, u Mr. MacPherson ebengayazi.

Izipakati Nabatunywa Babantsundu.

Wati u Rulumente akuyityela i Komiti yabantsundu okokuba, ulaulo lo Mntan' Omhle luse lugqete mipula ukupulapula inteto yabantsundu ngokulahlwela nga- pandle kwamalungelo ombuso, kwabha- Iwa incwadi, ibulela ipakati le Nkosazana ngalompandulo yobulele, yabe kanjazo ishumayela okokuba lompendulo isaqwa- laselwe ngabantsundu. Kwangapambi kokwaba abantsundu babe sebekwe benza na ntego, kugaleleke incwadi ezilandelayo: Eka Sir H. Robinson kwi Komiti Yabantsundu.

Government House, Cape Town. 21 November, 1887.

MNUMZETU,—Incwadi eyatuyelwa ngu Tingo-Jabavu egameni lako njengombha- li we Komiti yaba Ntsundu, ebalwe ngokusila lwe 16 ku Sept., 1887, yatunye- Iwa kwi Pakati le Nkosazana ngolwama 28 kwaku Sept., lowo. Namhla kutiwa manditumele kwi Komiti yaba Ntsundu incwadi Umhlekezazi ayifumeni kwi Pa- kati le Nkosazana, ependula eyeneni.

Ndimembeko yokuba sicaka esitobileyo, F. J. NEWTON, Isandla.

F. Makwena, Umbali we Komiti yaba Ntsundu, Care of J. Tingo-Jabavu, King William's Town.

Eka Sir H. Holland ku Sir H. Robinson.

Downing Street, 28 October, 1887. MNUMZETU, — Besidike ndakuxelela ngencwadi yosuku lwama 20 kulenyanga imiyi, ndisazi ngokubona kwaba Chazi- Mtego be Nkosazana, endingakubo nam, andiboni mfaneloko yokumcebisa u Mntan' Omhle nkuba awumangale lomte- to. Ndithe ndakucinga ndabona ukuba, kufuneka sishunyayelwe esi sigigibo, kwa ngetuba lokuqala ukuze kungabiko nxa- mleko nandleko yokuza kwezitunywa, ziza kwaneke inteto nencaso Yabantsu- ndu ngalomteto pambi kwam.

Banga abantsundu bangaqonda ukuba ndisebenzise inyameko ekukangeleni indawo ezibengo Mr. Hutton nabanye, zi- tiwa daca pambi kwam. Andikatho ukuti inteto zabo zibe zamandla ; kanti nokuba ndibe ndisoyiseka zizo, ndibuzonda ubunzima, ndisoyisela-bulungisa kwaba- tsundu, izinto ekutiwa ziyakuvuliswa ngulointeto, kwaneziziqomo ezinganzakali- sa yonke i Koloni ekuhanjiseni kwalo mteto, bendeinge ndacinga ukuba kuyi- mfanelo yam ukucebisa ukuba lomteto ungamelwa. Lendawo ilunge kulo Palamente yase Kapa. Ukungcelelela kulendaba, njengokuba injenjenje, ku- ngaba nxam kwinqubo yolu laulo lungu Nqapela- Ndikule. Lendawo ndi- yicaze ngokuzeyela ukuze abantsundu nabaxhasi babo, babone ukuba, nokuba indawo abaxhatisileyo zibe ziyinene, bendeingeze ndaba nako ukwenza imi- niq weno yabo.

Lendawo yabo inokuba itetwe kwase Palamente e Kapa, kuba yeyona nkundla ifanekilekileyo, yokuqiywalasela lendawo, nokuwelilelisa ubunzima, ukuba kunga- bako ubunzima, obungazalwa kukuhanj- swa kwalomteto we 1887, Wokubhalwa Kwamagama Abanemfanelo Kumbuso wase Kapa. Ukuba lomteto uyakukupa abantu kupela abangeniswa ngokungaqo- ndwa kwenteto yom-Miso wombuso, eqondwayo kunamhla, akungeze kwatiwa ngu Tingo' Umlo.

Ndimembeko yokuba, &c., (Signed)

H. T. HOLLAND, Governor

The Right Hon. Sir H. Robinson, GCMG., &c.

&c. &c.

EZABABHALELI.

INDLU ZABAFUNDISI.

MR. EDITOR,—Ndifuna ukupendula u Mkoloni oteta ngomona wabafundisi aba- ntsundu, " Ningaxeli e Gate ; ningashu- mayeli ezitrateni ze Oshekelone, hleze ziyuye intombi zama Filistiya. " Ke into le ingaba iko yona, noko ke ubefanele umzalwana ukuyibeka ngenye indlela, mhlambi asimona, kukungaqondi noku- ngazi kwalowo mfundisi. Into ebifuneka ku Mkoloni kukutiyala utmeto wokushi- ywa kwezindlu, pambi kokuba akatse umfundisi wakowabo. " Umona " lilizwi elibi kanye elosi.

Umhlobo uteta ngabafundisi abamhlo- pe, andifuni kuteta ngabo noko ndinayo into yokuteta; manditi kodwa, umfundisi omhlope unako ukuzenza izikwa ngenxa yokuba umvuzo wake unokumvumela ukuba enenjalo namalungelo awazwava

aramenteni yake, angenawo ontsundu. "Tinake ukuba sinihlwayelele izinto zo- moyi yinto enkuluna ukuba siyakuyiva izinto *zenu zenyama* " ? I Korinte ix. 11. " Lowo ufundiswayo elizwini makabele ofundisayo ngazo zonke izinto ezilungi- leyo, " Galatevi. 6. Utiomhlope mhlashi- ya isiqingata kubeko intlangano yoku- mbulisa, kanti sekuko isiqhuma semali ebhlanganiswa, kuthi emva kwamazwi amandani atiwe ngqi le purse, kanti wo- fumana mhlambi ama 30 eponti mhlau- mbi i £100. Kanti lonto ayimvuzo, inge- mali yakufuduka, isisipo kupela, kanti apo aya kona yakufika enziwe i Tea Meeting, anikwe amazwi amnandi, endlwini ayakuyo uyakufika obengapa- mbili ekolobhile kupela, akateni nendo- nga, wotshayatsheyela pandle eyadini, ggibi ke. Amagasa nabafazi beramente baza kungena ngapakati bakangele into efunekayo, bayiqabe ngekalika, bayipente bafake omapepa nemifanekiso. Ukuba bafumene kuko into eyonyene ngumfundi- si omkileyo abavi kuteta nelimdaka, ku- pela ukulungisa indlu leyo. Ukumka komfundisi ontsundu kuluzizi kunene emka pakati kweramente yake, kosuka kube libubu abantu bake, kanti kuziwe kuclwa impahla; endikolwayo nalondlu umzalwana ateta ngayo yakushwa zinya- wo zabaceli. Into emntshi yabafundisi abantsundu abati xa bafudukayo bapile kuboleka. Indlu endihleli kuyo ndisa- yibona neminwe enamagazi encukutu ezazibulawa ngumfundisi opambi kwam, isenamapepa eyakiva nawo kwiminyaka engapezu kweshumi.

Umfundisi ontsundu uyabulela aba- ntu abape into anokubapa zona, angati yena u Judasi abuze ukuba okukucitakala kwamafuta kwenzelwa ntonina; angati yateta lamazwi kubakalazi: " Akundifa- nele na ukuba ndenze oko ndikwenzayo ngezam izinto ? Iliso lako likohlakale na ngokuba ndilungile mina. " Kuyinina ukuba ukungele icetyana elisesweni lom- zalwana wako, kodwa umqadi osesweni lako akunwanakani. Ndifumana iyinto elula apa e Afrika ukubeka amabala ma- bi ngakubafundisi abantsundu,—mandi- pele.

UMFUNDISI ONTSUNDU.

NGOMELO LWE TRASKEI.

Transkei, 9 Nov., 1887. U Col. Griffith (u Faku) yena ngumntu ukulele apa pakati kwetu; waba semse- benzi wakwa Rulumeni, wokuba ngu- manyi, nowokuba yinkosi yomngqayi, wab esazana nabantsundu ngendlela ezi- ninzi. Apo ebekwe wapata kona asiva mntu uti, hai, ubuhlobo ebengenabo ebantwini. Naku Besutu ngexesha lo- kupangwa kwempu izwi lake leviwa lintekeza ; wawa pantsi. Okuhle koko, ukuba sithi sihlile sibe nidsali abazihlobo zetu. Enye indawo abantu abangayika- ngela kakuhle ekuxeleni kwake izinto ayakulwela abantu ngazo. Uzibekwe nga- pandle kwentloni akoyikisa nokuti woti- y wa ngamanye amaneni! Angazihlaza yena ngokwake nokuba wopumela kolugqato; ukuba u Col. Griffith aka- pumelelanga kolugqato, isininzi sabantsundu singalopheka, kuba mayelana nesimilo abesiso kwiminyi zangapambili bati angayilonto napambili e Palamente.

J. F. M.

AMAWETU NO MTSHATO.

Queen's Town, Oct. 24 1887. Ndifuna ukuke ndenze amanqam amabini namatata ngokubhekiselele kwi- mtshato yu tina babantsundu, ndibe ke ndisalada indawo ebendikade ndiyijongile endite kanamanjazo pezu koko ndatun- kwa nangamazwi Omfundisi ontsundu, eteta malunga nemitshato yetu bantsundu; ulhabe ekangele Umsundisi kwabebe- mvisisiza njengam. Manditi kuqala umtshato lo yinto ebukwayo itandwa kakulu ngamawetu, pofu bezindwekeshi nje kodwa bengenazenzo ngakuwo. Into elindelweyo ikakulu ngamawetu emtsha- tveni kukuba umntu ahute akivayike abete sibemovu isisu ngapandle kweni' kuzakuti nowapina azele intluta le yodwa' nditeta nendlavini amagezana azakuba lapa kulomtshato, ufike ke selisuke kwafumana kwamdaka, mnyama, mpemvu kanjalo sekungati zimpukane ezi. Aza- kuti ke amawetu akugoduka alike umntu abalise ati " Wamku umtshato wento kanantsi, " ubukulu bawo yena uteta ubuninzi bokutya kuba ehluze sabomvu zite nembiza azabinakubalwa, akungodwa ukuba ubukulu bomtshato, nokuba yi- ntlangano, or itimoti, nokuba yiyipma into ibanobukulu ngokuti iyitwe ngaba- ntu babebanizi, ingafanelana iyitimoti ukutya kuzimfuma, bangangaya abantu ayingebinkulu ngezomfuma zokutya, ngoko ke yonke into inkulu ngomntu yedwa, ingekuko ukutya kodwa. Kanja- lo okumbula amawetu ukuba emhlabeni apa abantu bazindidi ezimbini bako o Andikatali izityebi, bako o Ncama amalhwempu into ezingenawo amalungelo He apo kuvinzi kona kuti kanti lendodana nshatayo alinamalungelo ane- leyo ite ngokoyikela ihlazo nokugxekwa (kuba tina bantu bantsundu sigxekana kakulu) yazezelisela ematyaleni ngoku- wola amaxamba eswekile ikofu ngenxa- wa zomgubo zokwenza ibholoti, yaboleka lendodana ite nokutenga ingubo zomtsha-

to yatenga eziya zinganyixitywa nayinkosi yayo. Kuti ke kusisa ngenyene imini emva komtshato, (sebheltu bemka) kufike ke izig

ibhaso lento etile nokuba zikomityi nokuba zipli mhlambi izitulo nezipili &c. nokuba yintonina eyimpahla yendle ndieta izale indlu yabo bengatenganga izi *presentis* zodwa. Benjenjalo bona Abelungu, ingeyiyo lento tina bantsundu kusuke ati umntu osaza kuqala pantsi Intlalo entsha, ibe ngoyena ulindelwe ukuba adyivaze, afide indimbane engena- msebenzi yabantu. Ukutsho oko, niqo- nde mawetu, andichase zidlo zamitshato, mdalata ukuba sizindwekeshi ezingena- zenzo, pofu siyatanda imitshato le yona. Kumanene namanenekazi akowetu, aku- ko ake awinele i *present* ati " mntwana ezikomityi or iplati nokuba lixekxwa lesitulo, nokuba yintonina yendlu visa pays kwamtshakazi, uti nali ibhaso elisi- sikumbuzo sokutshata kwabo levela ku Mr. or ku Mrs Nantsi (ndide ndipantse ukuti yiyo lento abelungu bengabashiyi nje abatshakazi). Lendawo kuti bantsu- ndu yenye yendawo ebangela ukuba iti indodana intsuku mbini itshatile ngolwe- si-Tatu kuse ibopa isiti iyakubeza ezi- dolopini mhlambi e Dayimani, ishiya umtshakazi elusizini elamba, ngenxa ya- lamatyalala alamaxamba eswekile nemi- gubo ebifide lankita yabantu ingenalu- ncedo. Lendawo inkulu makowetu ku- njalo nje isibuyisela emva ingaqondwa nje,—Apo kuluzizi kona abanye bazifaka kulamatyalala ngenxa yenteto zama " Lolo- viti " inkwamba ezi zigxeka kakulu isuke ke iti indodana ezakutshata yakuba ezizigxeko zanje zitetwa kwabasebetsha- tile begxekwaj isuke indodana idiwaze ngamatyalala itabate ezipambili impahla nezidlo, kanti iyeyela ngenxa yezigxeko betu ifuna ukuze kuncoywe we zazi " Nkwa- mba zisekeleze ukutya oku. Kuba ababa- gxeki beyelisela abantu ndidla ngokubeka besithi wamkulu umtshato ka Nantsi yena uxhele igusha zanga—sadia sahluta, ku- de kunqati kungokukodwa apa e Komani inteto zokugxeka imitshato ndide ndizi- pawule nakubantu bomketo wobu Krestu bezizeta ezinteto zipantsi kangaka zendla- vini ezibuyisela emva uhlanga. Noko ke apo beyela kona onyana babantu, nati ke masilumkele ubundwekeshi obu sibe singenazenzo, masixelise abelungu iya- kupela lento yokushiya kwabatshakazi. Mandisonge ndiyakusa ukuba amawetu ayikangele lendawo inkulu kakulu, undi- xolele Mhileli ndifin' ukuti ndinyintye kuba ndishushu ngalendawo kodwa ngo- koyikisela ipepa lako. Ndiyatslonela apo ndisiti, mntaka Jabavu ngamana mkosi ibe nawe kuba selingwe u Moses wohlanga olutsumdu. Ndim owako &c.

BALATISE JAMES BAQONDE.
P. S.—Bekuko intlanganisano yama Bhu- lu kulom-Gqibelo ungapaya kwalo ugqi- tileyo e Town Hall, indawo endiyipawu- leyo ezingxoxweni, yeyokuba ama Bhulu ayawaguxana namalungelo elu bantsu- ndu, ebeteta ngemali yemfundo ukuba u Rulumente ayinqumamise, lendawo yenye efanele ukunxulumana no Tung' Umlomo ; Hi nje.?

B. J. B.

ABALIMI NA BARWEBI.

E Qonce,—Izolo uboya obuhlanjwe emlanjeni 6 1/8d. obungahlanjwanga 4d., obeseyi- bhokwe 6 1/2d.

E M ARKENI.

E QONCE (Dec. 6.)
Irasi eluhlaza, 9d to 10d
Ihabile, 10d to 3/7
Itapile, 9 to 5/3 ngenxowa
Umbona, 2/3 to 2/5 ngekulu
Umgubo, 6/6 to 7/
Imbotyi, 3/ ngekulu
Inkuni, 7/ to 28/ ngefllara

E RINI (Dec. 6.)

Inkuni. ngefllara 10/ to 28/
Isimili. ngenxowa 2/ to 2/3

Umgubo, " 10/3 to 14/6
Umbona, " 6/6 to 8/ 3/6
Irasi, " to 6/6
Amazimba, " 5/ to 5/6 1/9
Ihabile, ngekulu to 2/6
Irasi, ngedazini 8d to 1/
Itapile, ngenxowa 2/6 to 6/

E KOMANI (Dec. 3)

Inkuni, 22/ to 25/ ngefllara
Ihabile, 2/3 to 3/3 ngekulu
Umbona, 7/ to 7/3 ngenxowa
Umgubo, 5/ to 5/3 ngekulu
Inqholowa, 5/3 ngenxowa

WEDNESDAY, DEC. 7, 1887.

A Great Wrong
THE Native mind is still agitated about the Registration Act. As we have pointed out again and again numbers of our countrymen are being deprived of the privilege, or rather the right, which they have exercised for so many years with advantage to the country. When it is considered that even their bitterest enemies have acknowledged that the representatives who have been sent to Par-liament by the Natives have not disgraced that assembly, it is no wonder that they (the Natives) should feel so strongly the great wrong which has been done to them.

From what we have seen it appears to us that the extent of the wrong is not clearly perceived by many who have undertaken to discuss it. The wrong may be said to consist mainly on two considerations which the Natives felt from the very first, and which are only now beginning to dawn on others. The first consideration, and the one that has been chiefly dwelt upon, is that a large class—a class that has an undoubted stake in the country—a class which contributes a fair share towards the revenue is being deprived of a voice in the affairs of the country. We have insisted, and will continue to protest, that such a step is neither right nor politic; that it is a wrong which is sure to be the mother of many evils. The only consideration which could have

justified the taking away of the vote would have been abuse: if the Natives had shown any tendency to choose disloyal men, or men who were stupid. To take away the vote as it has been done, is not only a great wrong in itself, but it makes our countrymen ask the question—What right or privilege have we which is safe ? There is now a feeling of uncertainty and fear. And we contend that such a feeling is, under the circumstances, natural; and that any proceeding which renders such a feeling natural is, to say the least of it, unwise and dangerous to the country.

